“**iBhunga Lephondo LaseMpuma-Koloni**” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LeMpuma-Koloni LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“**iBhunga Lephondo LaseFreyistata**” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LeFreyistata LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“**iBhunga Lephondo LaseRhawutini**” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LaseRhawutini LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“**iBhunga Lephondo LaKwaZulu-Natal**” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LaseRhawutini LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“**iBhunga Lephondo LaseLimpopo**” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LaseLimpopo LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“iBhunga Lephondo laseMpumalanga” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LaseMpumalanga LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“iQonga” liQonga loMsebenzi Wobugqwetha elisekwe ngokwesiqendu 96(1) salo Mthetho;

“iBhunga Lephondo LoMntla-Koloni” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LoMntla-Koloni LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“iBhunga Lephondo LaseMntla-Ntshona” liBhunga Lephondo eliphethe kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LoMntla-Ntshona LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika;

“iiyure ezithelekelelwayo”, xa kuthethwa ngazo kummiselo 6 nowesi-7, lixesha elithelekelelwayo elabelwe ukwenza umsebenzi wokuziqhelisa omawenziwe ligqwetha elisaqeqeshwayo ukuze lifeze okuthile ekuziqheliseni kwalo, kungakhathaliseki ukuba lithatha ixesha elingakanani ukufeza oko kufuneka likufezile;

elithi “lo Mthetho” lithetha uMthetho Womsebenzi Wobugqwetha 28 ka-2014;

“iBhunga Lephondo LeNtshona-Koloni” liBhunga Lephondo eliphetha kummandla ekukwaphethe kuwo iCandelo LoMntla-Koloni LeNkundla Ephakamileyo YoMzantsi-Afrika.

Inkqubo emayilandelwe ekunyuleni amagqwetha aza kuba kwiBhunga

2. (1) Amalungu eBhunga ekuthethwe ngawo kwisiqendu 7(1)(a) salo Mthetho makanyulwe ngokwendlela exelwe kule mimiselo.

(2) Ukunyulwa kwamalungu eBhunga ekuthethwe ngako kummiselwana (1) makuqhutywe phantsi kwegunya leBhunga, kodwa ke le mimiselo ikwasebenza nasekunyulweni kokuqala kwamalungu eBhunga ekuthethwe ngako kummiselwana (1), kubekho nje utshintsho olunokuthi lufuneka, nyulo olo omaluqhutywe phantsi kwegunya leQonga, into ke leyo ethetha ukuba xa kule mimiselo kuthethwa nge-“Bhunga” nango-“sihlalo”, oko makuthathwe njengokubhekisela kwiQonga nakusihlalo weQonga.

(3) Kuphela ngamagqwetha namagqwetha eejaji athe amkelwa ukuba asebenze njengamagqwetha nabhalisiweyo kuLuhlu kwaye, malunga nonyulo lokuqala olungokwale mimiselo, kuphela ngamagqwetha namagqwetha eejaji awenza umsebenzi wobugqwetha avumelekileyo ukuba—

- (a) anyulelwe ukuba kwiBhunga, kodwa ke amagqwetha anokunyulwa kuphela ngamagqwetha, amagqwetha eejaji anokunyulwa kuphela ngamagqwetha eejaji;
- (b) anyule igqwetha okanye igqwetha leejaji libe kwiBhunga; nokuba
- (c) abe nenxaxheba ekunyulweni kwamalungu eBhunga ekuthethwe ngako kummiselwana (1), njengoko kuxelwe kule mimiselo, kodwa igqwetha livumeleke kuphela ukuba livotele ukunyulwa kwamagqwetha, namagqwetha eejaji avumeleke kuphela ukuba avotele ukunyulwa kwamagqwetha eejaji, ukuba abe ngamalungu eBhunga.

(4) (a) Yakuba ipapashiwe le mimiselo, usihlalo makathi zingekapheli iintsuku ezili-14 athumele isaziso kwigqwetha ngalinye nakwigqwetha leejaji ngalinye elamkelweyo ukuba lenze umsebenzi wobugqwetha nelibhalisiweyo

kuLuhlu Lwamagqwetha Awenza Umsebenzi Wobugqwetha oluxelwe kwisiqendu 30(3) salo Mthetho, esithi makunyulwe amagqwetha namagqwetha eejaji aza kuba kwiBhunga, kodwa ke malunga nonyulo lokuqala phantsi kwale mimiselo, isaziso masithunyelwe kwigqwetha ngalinye elenza umsebenzi wobugqwetha elamkelweyo laza labhaliswa, sithunyelwe kwigqwetha leejaji ngalinye elibhalisiweyo, sithunyelwe kumbutho ngamnye wamagqwetha nakumbutho ngamnye wamagqwetha eejaji, nakwiBlack Lawyers Association, nakwiNational Association of Democratic Lawyers, nakwiAdvocates for Transformation, nakwiNational Forum of Advocates, nakwiNational Bar Council of South Africa, nakwiGeneral Council of the Bar.

(b) Xa kuthi kubekho isithuba kwiBhunga, iBhunga malithi ngoko nangoko lithumele isaziso kwigqwetha ngalinye okanye kwigqwetha leejaji ngalinye elamkelweyo ukuba lenze umsebenzi wobugqwetha nelibhalisiweyo kuLuhlu Lwamagqwetha Awenza Umsebenzi Wobugqwetha oluxelwe kwisiqendu 30(3) salo Mthetho, kuxhomekeke ekubeni umntu omakanyulwe uligqwetha okanye uligqwetha leejaji kusini na, kusisaziso esithi makunyulwe amagqwetha okanye amagqwetha eejaji aza kuba kwiBhunga kwisithuba esithe sabakho.

(5) Isaziso ekuthethwe ngaso kummiselwana (4)—

- (a) masixele umhla omawungadluli engekafunyanwa amagama abanyulelwa ukuba kwiBhunga, mhla lowo omawungabi ngaphantsi kweentsuku ezili-10 ukusuka kumhla wesaziso;
- (b) masithunyelwe nge-imeyile kwidilesi ye-imeyile yegqwetha ngalinye, ngaphandle kokuba iBhunga alinikwanga dilesi ye-imeyile ligqwetha, ekuya kuthi xa kunjalo isaziso sithunyelwe ngeposi, kodwa ke xa kulunyulo lokuqala phantsi kwale mimiselo, isaziso masithunyelwe kwigqwetha ngalinye kwidilesi yalo ye-imeyile eyaziwayo liQonga, kungakhathaliseki ukuba liyifumene phi na, okanye ke ukuba iQonga aliyazi idilesi ye-imeyile, sithunyelwe kwidilesi yeposi eyaziwayo liQonga, kungakhathaliseki ukuba liyifumene phi;
- (c) masipapashwe kube kanye ku*Shicilelo-Mithetho* LukaRhulumente ngomhla osondele kangangoko kunokwenzeka kumhla wokuthunyelwa kwesaziso;
- (d) masixele ukuba zingaphi izithuba ezikhoyo kwiBhunga zamalungu angamagqwetha namalungu angamagqwetha eejaji; size
- (e) sikhumbuze amagqwetha oko kutshiwo sisiqendu 7(2) no-(3) nasisiqendu 8 salo Mthetho.

(6) Ukunyulwa kwegqwetha ukuba libe kwiBhunga makwenziwe ngamanye amagqwetha amabini nokuba ngawaphi na, ngendlela exelwe ngummiselwana (8) no-(9).

(7) Ukunyulwa kwegqwetha leejaji ukuba libe kwiBhunga makwenziwe ngamanye amagqwetha eejaji amabini nokuba ngawaphi na, ngendlela exelwe ngummiselwana (8) no-(9).

(8) Ukunyulwa kwegqwetha okanye kwegqwetha leejaji makwenziwe ngoxwebhu olunika ingcombolo elandelayo ngomntu ngamnye ogama lakhe lilapho, ngamazwi angengaphezulu kwama-600:

- (a) igama lakhe nenombolo yakhe yesazisi;
- (b) xa kuligqwetha, igama lenkampani yamagqwetha angumnini wayo okanye alilungu kuyo okanye igama aqeshwe ngalo, kuxelwe nokuthi ungumlawuli, okanye uliqabane, okanye ungumncedisi kusini na kuloo nkampani;

- (c) xa kuligqwetha leejaji, kuxelwe ukuba wenza umsebenzi wobugqwetha ngokwesiqendu 34(2)(a)(i) okanye ngokwesiqendu 34(2)(a)(ii) salo Mthetho kusini na, kuxelwe nokuthi ukwiwonga lokuba liGqwetha Leejaji Elingumakhwekwetha kusini na;
- (d) uhlanga alulo, ubuni, umhla wokwamkelwa nowokubhaliswa, nobude bexesha eligqwetha;
- (e) ukuba ugogekile okanye unesiphene kwaye enqwenela ukukuveza oko, kuchazwe oko nohlobo lokugokeka okanye isiphene;
- (f) idilesi yalapho asebenzela khona ngokuyintloko;
- (g) nolwazi lwakhe namava kwimibandela exelwe kwisiqendu 7(2)(e) salo Mthetho.

(9) Uxwebhu lokunyula ekuthethwe ngalo kummiselwana (8)—

- (a) malutyikitywe ngamagqwetha amabini okanye ngamagqwetha eejaji amabini anyule loo mntu;
- (b) malubonise ukuba uyakwamkelwa ukunyulwa kwakhe, ngotyikityo lomntu onyuliweyo, apho kuxwebhu; kanaanjalo
- (c) lube namazwi aqinisekiso alowo onyulwayo athi—
 - (i) ingcombolo enikiweyo apho ichanile; kwaye
 - (ii) akukho nto emenza angafaneleki ngokwesiqendu 8 salo Mthetho ukuba abe lilungu leBhunga.

(10) (a) Amaxwebhu onyulo atyikityiweyo ayi-orijinali makangeniswe kwiBhunga ungekadluli umhla oxelwe kwisaziso ekuthethwe ngaso kummiselwana (5).

(b) Ukunyulwa komntu okungahambisaniyo nale mimiselo okanye okungafakwanga ngexesha elimiselweyo akufaneleki ukuba kungeniswe ngenjongo yokuvota ngokwale mimiselo.

(11) Ukuba inani labantu abanyuliweyo lingaphezu kwenani emalinyulwe labantu abangamagqwetha okanye labantu abangamagqwetha eejaji, iBhunga malithi zingekapheli iintsuku ezili-14 emva komhla wokugqibela ekufuneka abe sele efakiwe ngawo amagama ngokommiselwana (5), lithumele kwigqwetha ngalinye okanye kwigqwetha leejaji ngalinye, elifanelekayo ukuba livote, lithumele nge-imeyile, okanye xa ingaziwa i-imeyile liBhunga, lithumele ngeposi—

- (a) imvulophu ekubhalwe kuyo idilesi yeBhunga, kunye namazwi athi “voting papers” (“amaphepha okuvota”) okanye ke xa kunxityelelwana nge-imeyile, lithumele imiyalelo kwigqwetha malunga nobungakanani nohlobo lwemvulophu emayenziwe ligqwetha;
- (b) imvulophu ekubhalwe kuyo amazwi athi “ballot paper” (“iphepha lokuvota”), kungabikho enye into, okanye xa unxibelelwano lunge-imeyile, lithumele imiyalelo kwigqwetha malunga nobungakanani nohlobo lwemvulophu emayenziwe ligqwetha;
- (c) uxwebhu lwesibhambathiso olunezithuba ezifanelekileyo—
 - (i) zefani namagama egqwetha elivotayo;
 - (ii) zenkcazelo ethi uligqwetha okanye uligqwetha leejaji kusini na;
 - (iii) zotyikityo lwakhe nomhla atyikitye ngawo;
 - (iv) zamazwi egqwetha abhalwe ngentla kotyikityo lwalo apho livakalisa khona ukuba alikavoti kunyulo olo;
- (d) iphepha lokuvota, xa kunyulwa amagqwetha, libe kwimo efana kanobom naleyo yeSongezo A esikule mimiselo, okanye xa kunyulwa amagqwetha eejaji, libe

kwimo efana kanobom naleyo yeSongezo B esikule mimiselo, libe neefani namagama alandelana ngokoonobumba bokuqala babantu abanyuliweyo, kananjalo linike ingcombolo eboniswe kwiSongezo A okanye kwiSongezo B, kungabikho enye into;

(e) isaziso esibhaliweyo esikwimo eyalelwe liBhunga, esicela igqwetha ukuba, ukuba lingwenela ukuvota—

- (i) malibeke u-X kwiphepha lokuvota ecaleni kwegama lomntu ngamnye elinqwenela ukumvotela, ukuze libonise ukuba lifuna kube ngubani ovala isithuba kwizithuba ezikhoyo, kwaye kungabikho olunye uphawu okanye utshintsho olwenziwayo kwiphepha lokuvota;
- (ii) malifake iphepha lokuvota kwimvulophu ebhalwe “iphepha lokuvota”;
- (iii) maliyitywine imvulophu enephepha lokuvota;
- (iv) malizalise uxwebhu lwesibhambathiso lize liyityikitye;
- (v) malifake ngaphakathi amazwi avakalisiweyo aza atyikitywa, kunye nemvulophu enephepha lokuvota, lize liyitywine imvulophu ebhalwe “amaphepha okuvota”; lize
- (vi) lithumele imvulophu ebhalwe “amaphepha okuvota” kunye nokungaphakathi kuyo, liyithumele kwiBhunga ukuze ifike kwiBhunga ungekabethi umhla oxelwe kwisaziso.

(12) Isaziso ekuthethwe ngaso kummiselwana (11)(e)—

(a) masibe nesilumkiso esithi ukuba—

- (i) kuvotelwe inani elingaphezu kwenani lamagama ekuthethwe ngawo kummiselwana (11)(e)(i);
- (ii) kuthe kwenziwa uphawu okanye utshintsho kwiphepha lokuvota, phawu olo okanye tshintsho olo olungengabo oo-X ababonisa umntu ovotelwayo; okanye
- (iii) isibhambathiso ekuthethwe ngaso kummiselwana (11)(c) asipheleliswanga saza satyikitywa ligqwetha elivotayo, iphepha lokuvota liza kuba leliphuthileyo; nesithi

(b) masikhumbuze amagqwetha ukuba ingcombolo emalunga nabanyulwayo, ekuyingcombolo ekummiselwana (8), iza kupapashwa kwiwebsayithi yeBhunga ithuba eliziintsuku ezingama-30 eliqalela kumhla wesaziso esibhaliweyo ekuthethwe ngaso kummiselwana (11)(e).

(13) IBhunga malithumele izaziso ezahlukeneyo kumagqwetha nakumagqwetha eejaji ngenjongo yonyulo olungokwale mimiselo, kwaye zonke izaziso mazibonise ngokucacileyo ukuba zezokunyulwa kwegqwetha okanye zezokunyulwa kwegqwetha leejaji.

(14) (a) Zingekapheli iintsuku ezisixhenxe emva komhla wokugqibela ebekufuneka amagama abanyulwayo afakwe ngokwemmiselwana (5), iBhunga malithi, ngokulawulwa sisiqendu (b), ngokubhala, limisele igqwetha ebelisenza umsebenzi wobugqwetha ixesha elingaphezu kweshumi elinesihlanu leminyaka lingazange likhe liyeke, libe ngusompempe ngenjongo yokwenza imisebenzi eyabelwe usompempe ngokwale mimiselo.

(b) Usompempe akavumelekanga ukuba—

- (i) abe ngumntu oncwase ukunyulelwa kwiBhunga;
- (ii) abe ligqwetha elinyule umntu ukuba abe kwiBhunga; okanye

(iii) abe lilungu leBhunga okanye leBhunga Lephondo.

(15) Ngemini nganye ezifunyanwa ngayo iimvulophu ezibhalwe “amaphepha okuvota” zathunyelwa kwiBhunga, ngemini nganye ezifunyanwa ngayo liBhunga, okanye ukuba akunakwenzeka ngaloo mini, kamsinya kangangoko kunokwenzeka emva koko, usihlalo okanye igosa eliphezulu eliququzelelayo leBhunga, ukuba linyuliwe ngusihlalo, makavule imvulophu nganye aze akhuphe okungaphakathi kuyo, eyivula kukho usompempe.

(16) Usihlalo kunye nosompempe mababhale phantsi igama nefani yegqwetha ngalinye elingenise isibhambathiso nemvulophu ebhalwe “amaphepha okuvota”, nokuthi elo gqwetha liligqwetha okanye liligqwetha leejaji kusini na, kwirejista yokuvota egcinwe ngusompempe.

(17) (a) Usihlalo nosompempe, bekunye —

(i) bahlole uxwebhu ngalunye lwesibhambathiso; baze

(ii) baqinisekise kangangoko kunokwenzeka ingcombolo equlethwe apho beyithelekisa nokukwimibhalo egciniweyo yeBhunga, baze

bazanelise kwinto yokuba uxwebhu lwesibhambathiso luzaliswe ngokupheleleyo lwaza lwatyikitywa ligqwetha, kungenjalo luya kuthathwa njengoluphuthileyo.

(b) Xa usihlalo nosompempe bengavumelani ngokwamkeleka koxwebhu lwesibhambathiso, kuya kusebenza uluvo lukasompempe, size isigqibo sakhe sibe sesingenakuphikiswa.

(18) Usompempe makatyikitye uxwebhu ngalunye lwesibhambathiso olufunyaniswe luphuthile, axele isizathu sokuphutha kwalo.

(19) Ekho usompempe, usihlalo makathi, ngoxwebhu ngalunye olufunyaniswe lusamkeleka, afake imvulophu ehambisana nalo ebhalwe “iphepha lokuvota” ingavulwanga, eyifaka ngekroba elikwibhokisi yokuvota yohlobo oluvunywe liBhunga, kube yibhokisi yokuvota enye yamaphepha okuvota alungiselelwe amagqwetha, nebhokisi enye yokuvota yamaphepha okuvota alungiselelwe amagqwetha eejaji, efanele ukuba itshixwe yatywinwa kusengaphambili ngusihlalo.

(20) Emva kokufaka imvulophu yokugqibela efunyenweyo kwibhokisi yokuvota, usihlalo makathi, ekho usompempe, alitywinisise ikroba, aze anike usompempe isitshixo.

(21) Usihlalo makayigcine ibhokisi yokuvota kwindawo ekhuselekileyo, itshixiwe yaza yatywinwa njengoko kuxelwe kummiselwana (19) nowe-(20), aze ayidlulisele ibhokisi yokuvota ikuloo meko eyidlulisela kwabaza kuyigocagoca abamiselwe ngokommiselwana (23) ngosuku olulandela umhla ekuthethwe ngawo kummiselwana (11)(e)(vi).

(22) (a) Zonke iimvulophu ezibhalwe “iphepha lokuvota” eziphelekwa ngamaxwebhu esibhambathiso afunyaniswe ephuthile, azivumelekanga ukuba zifakwe kwibhokisi yokuvota.

(b) Usihlalo makathi,—

(i) ekho usompempe, azibuyisele iimvulophu ekuthethwe ngazo kwisiqendu (a), ezibhalwe “iphepha lokuvota”, zingavulwanga, kunye namaxwebhu ezibhambathiso ahambisana nazo atyikitywe ngusompempe njengoko kuxelwe kummiselwana (18), kwiimvulophu ezibhalwe “amaphepha okuvota” afunyenwe ekuzo;

(ii) ekho usompempe, awatywinisise onke amaxwebhu;

- (iii) awagcine ngokwahlukeneyo amaxwebhu, ngendlela ekwanye exelwe kummiselwana (19) ukuya ku-(21), ithuba eliziinyanga ezintathu ukususela kumhla ekuthethwe ngawo kummiselwana (11)(e)(vi);
- (iv) emva kwelo thuba eliziinyanga ezintathu awatshabalalise onke amaxwebhu, ngaphandle kokuba uyalelwe yinkundla, kodwa ke ukuba kukho imbambano ngokwamkeleka koxwebhu lwesibhambathiso, amaxwebhu makagcinwe de ibe isombululekile imbambano; kananjalo
- (v) agcine umbhalo osecaleni wenani lamaxwebhu esibhambathiso neemvulophu azigcinileyo.

(23) (a) Ngaphambi komhla ekuthethwe ngawo kummiselwana (11)(e)(vi) okanye ngawo loo mhla, iBhunga malithi, ngokulawulwa sisiqendu (b), limisele amagqwetha angengaphantsi kwesibini, kodwa angabi ngaphezu kwe-10, abe ngabagocagoci bokugocagoca amaphepha okuvota afakwe kwibhokisi lokuvota, aze abale iivoti ezifunyenweyo.

(b) Umgocagoci akavumelekanga ukuba—

- (i) abe ngumgqatswa wokunyulelwa ukuba kwiBhunga kolo nyulo;
- (ii) abe ligqwetha elinyule umgqatswa omakanyulelwe ukuba kwiBhunga kolo nyulo;
- (iii) abe lilungu leBhunga okanye leBhunga Lephondo; okanye
- (iv) abe ligqwetha elimiselwe ukuba libe ngusompempe ngokwale mimiselo.

(24) Abagocagoci besakulifumana ibhokisi lokuvota mabathi, bonke bekho—

- (a) balivule itywina;
- (b) balivule ibhokisi lokuvota;
- (c) bakukhuphe okungaphakathi;
- (d) bavule imvulophu nganye ebhalwe “iphepha lokuvota” baze balikhuphe iphepha lokuvota elilapho ngaphakathi;
- (e) balihlolisise iphepha lokuvota baze bazanelise kwinto yokuba lamkelekile ngokwale mimiselo okanye, ukuba abaneliskanga, bale ukulamkela elo phepha lokuvota emva kokuba bebhale kwicala elingemva phezu kotyikityo lwabo, isizathu sokwaliwa kwalo;
- (f) babale iivoti ezibhaliweyo kumaphepha okuvota aseleyo; baze
- (g) babhale isiphumo kukho usihlalo nosompempe.

(25) Emva kokuba bekwezile okutshiwo ngummiselwana (24), abagocagoci mabawabuyisele onke amaphepha okuvota, kuquka nalawo awaliweyo, bawabuyisele kwibhokisi lokuvota, bayitshixe, bayitywine kwakhona, baze bayinike usihlalo ayilondoloze.

(26) (a) Ngokulawulwa sisiqendu (b), amagqwetha angabagqatswa akwizintlu eziboniswe kwiphepha lokuvota afumene elona nani liphezulu leevoti ezivela kumagqwetha, nani elo eliya lincipha kumagqwetha angabagqatswa, athathwa njenganyuliweyo ukuba abe ngamalungu eBhunga kwezo ndidi.

(b) Ukuba abanelanga abagqatswa ukuba bazalise udidi oluthile lwamagqwetha, iBhunga malifake igqwetha elifanelekileyo ukuba livale eso sithuba; lithi ke elo gqwetha lifakiweyo lithathwe njengelinyulwe ngokwale mimiselo.

(27) (a) Ngokulawulwa sisiqendu (b), amagqwetha eejaji angabagqatswa kwiindidi eziboniswe kwiphepha lokuvota afumene elona nani liphezulu leevoti ezivela kumagqwetha eejaji, , nani elo eliya lincipha kumagqwetha eejaji

angabagqatswa, athathwa njenganyuliweyo ukuba abe ngamalungu eBhunga kwezo ndidi.

(b) Ukuba abanelanga abagqatswa ukuba bazalise udidi oluthile lwamagqwetha eejaji, iBhunga malifake igqwetha leejaji elifanelekileyo ukuba livale eso sithuba; lithi ke elo gqwetha leejaji lifakiweyo lithathwe njengelinyulwe ngokwale mimiselo.

(28) Ukuba kukho ikhonkco phakathi kwabagqatswa ababini nangaphezulu, nto leyo ebangela ukuba kungaqinisekwa ukuba ngowuphi umgqatswa onyulwe kudidi oluthile, umbuzo wokuba ngowuphi phakathi kwabo othathwa ngokuthi unyulwe mawuphenduleke ngoko nangoko ngokuthi abagocagoci benze iqashiso ngendlela egqitywe ngabo abagocagoci.

(29) Bakuba begqibile ukugocagoca abagocagoci, ngoko nangoko mababikele usihlalo nosompempe ukuba sithini isiphumo, bebabikela ngokubhala.

(30) Ingxelo ekuthethwe ngayo kummiselwana (29) mayityikitywe ngabo bonke abagocagoci kwaye ibe nezi nkukacha zilandelayo:

- (a) inani lilonke lamaphepha okuvota afunyenweyo;
- (b) inani lamaphepha okuvota aliweyo nezizathu zokwaliwa kwawo;
- (c) inani lilonke leevoti ezifuna umgqatswa ngamnye kudidi ngalunye;
- (d) isiphumo seqashiso elenziwe ngokommiselwana (28);
- (e) namagama abagqatswa abanyulelwe ukuba kwiBhunga.

(31) Kamsinya kangangoko kunokwenzeka emva koko, usompempe makenze isigqibo sokuba unyulo luqhutywe ngokukhululekileyo nangobulungisa kusini na, aze isigqibo sakhe esibhaliweyo asibhekise kusihlalo.

(32) Esakuba usihlalo eyifumene ingxelo yabagocagoci ekuthethwe ngayo kummiselwana (29) nesibhambathiso esivela kusompempe ekuthethwe ngaso kummiselwana (30), makenze ukuba umgqatswa ngamnye aziswe ngesiphumo sonyulo.

(33) Ingxelo yabagocagoci ekuthethwe ngayo kummiselwana (29) namazwi esibhambathiso avela kusompempe ekuthethwe ngawo kummiselwana (30) zibubungqina obupheleleyo besiphumo sonyulo.

(34) Abagocagoci mabayibuyisele kusihlalo ibhokisi yokuvota enamaphepha okuvota ahloliweyo netshixiweyo ngokommiselwana (19) no-(20), kunye nesitshixo sayo.

(35) Usihlalo makayigcine ibhokisi yokuvota kwindawo ekhuselekileyo ikuloo meko ithuba eliziinyanga ezintathu emva komhla ekuthethwe ngawo kummiselwana (11)(e)(iv), ekufuneka ukuba emva kwaloo mhla alivule itywina, ayivule ibhokisi etshixiweyo, akhuphe okungaphakathi, akutshabalalise okungaphakathi kunye namaxwebhu esibhambathiso awamkelekileyo afunyenwe liBhunga.

(36) Ukuba unyulo luvakaliswe ngusompempe lungelulo olukhululekileyo nolunobulungisa ngokommiselwana (31), okanye luvakaliswe ngolo hlobo yinkundla ngeisicelo esifakwe ingekapheli inyanga sivakalisiwe isiphumo, inkqubo yokunyulwa kwamalungu eBhunga mayiqalwe ekuqaleni.

Ukusekwa kwamaBhunga Amaphondo

3. (1) AmaBhunga Amaphondo alithoba axelwe kwisiqendu 23 salo Mthetho ngala—

- (a) iBhunga Lephondo LaseMpuma-Koloni eliofisi yalo iseMonti;
- (b) iBhunga Lephondo LaseFreyistata eliofisi yalo iseBloemfontein;
- (c) iBhunga Lephondo LaseRhawutini eliofisi yalo isePitoli;
- (d) iBhunga Lephondo LaKwaZulu-Natal eliofisi yalo isePietermaritzburg;
- (e) iBhunga Lephondo LaseLimpopo eliofisi yalo isePolokwane;
- (f) iBhunga Lephondo LaseMpumalanga eliofisi yalo iseNelspruit;
- (g) iBhunga Lephondo LaseMntla-Koloni eliofisi yalo iseKimberley;
- (h) iBhunga Lephondo LaseMntla-Ntshona eliofisi yalo iseMahikeng;
- (i) iBhunga Lephondo LaseNtshona-Koloni eliofisi yalo iseKapa.

(2) IBhunga Lephondo ngalinye malithi lakusekwa liseke ubuncinane ikomiti enye yeBhunga Lephondo kwiziko ngalinye ngaphakathi kwiphondo ekukho kwelo ziko ikomkhulu leCandelo LeNkundla Ephakamileyo, kodwa kube kungekho ofisi yeBhunga Lephondo.

(3) Ikomiti ekuthethwe ngayo kummiselwana (2) mayibe namagqwetha amabini namagqwetha eejaji amabini, amiselwe liBhunga Lephondo kube bubude bexesha obugqitywe liBhunga Lephondo ukuze ilincedise ekusebenziseni kwalo amagunya ayo nasekwenzeni imisebenzi yalo.

(4) IBhunga Lephondo—

- (a) malenze isigqibo ngamagunya ekomiti nangemisebenzi yalo;
- (b) malichonge ilungu lekomiti libe ngusihlalo, lize lithi ukuba likubona kuyimfuneko, lichonge ilungu lekomiti libe ngusekela-sihlalo;
- (c) linokuthi, nangaliphi na ixesha, lilishenxise ilungu lekomiti okanye liyichithe ikomiti; kwaye
- (d) linokwenza isigqibo ngenkqubo emayilandelwe ekuqhutyweni kweentlanganiso zekomiti.

(5) IBhunga malithi kamsinya kangangoko kunokwenzeka licinge ngokufudusela iofisi yeBhunga Lephondo LaKwaZulu-Natal eDurban.

Indlela akhiwe ngayo amaBhunga Amaphondo

4. (1) IBhunga Lephondo LaseMpuma-Koloni, neBhunga Lephondo LaseFreyistata, neBhunga Lephondo LaKwaZulu-Natal, neBhunga Lephondo LaseLimpopo, neBhunga Lephondo LaseMpumalanga, neBhunga Lephondo LaseMntla-Koloni, neBhunga Lephondo LaseMntla-Ntshona, neBhunga Lephondo LaseNtshona-Koloni, makabe namagqwetha awenza umsebenzi wobugqwetha ali-10 lilinye.

(2) IBhunga Lephondo LaseRhawutini malibe namagqwetha awenza umsebenzi wobugqwetha ali-12.

(3) Indlela amakakhiwe ngayo amaBhunga Amaphondo ichazwe kwisicangca esingezantsi.

(4) Kulo naliphi na iBhunga, isiqingatha samagqwetha makube ngabasetyhini, esinye isiqingatha kube ngamadoda.

Isicangca: Indlela Akhiwe Ngayo AmaBhunga Amaphondo

	<u>IBhunga</u> <u>Lephond</u> <u>o</u> <u>LaseMpu</u> <u>ma-</u> <u>Koloni</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephondo</u> <u>laseFrevist</u> <u>ata</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephond</u> <u>o</u> <u>LaseRha</u> <u>wutini</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephondo</u> <u>LaKwaZulu</u> <u>-Natal</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephond</u> <u>o</u> <u>LaseLimp</u> <u>opo</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephondo</u> <u>LaseMpumal</u> <u>anga</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephondo</u> <u>LaseMntla-</u> <u>Koloni</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephondo</u> <u>LaseMntla-</u> <u>Ntshona</u>	<u>IBhunga</u> <u>Lephondo</u> <u>LaseNtsh</u> <u>ona-</u> <u>Koloni</u>
Amagqwet ha – aNtsundu	4	4	4	4	4	4	4	4	4
Amagqwet ha – amhlophe	2	2	4	2	2	2	2	2	2
Amagqwet ha eejaji – aNtsundu	2	2	2	2	2	2	2	2	2
Amagqwet ha eejaji – amhlophe	2	2	2	2	2	2	2	2	2
Inani lamagqwe tha lilonke	10	10	12	10	10	10	10	10	10

Amagunya amaBhunga Amaphondo nemisebenzi yawo

5. (1) Igqwetha okanye igqwetha elisaqeqeshwayo elidilesi yalo yomsebenzi wobugqwetha ikummandla olawulwa liBhunga Lephondo elithile, liphantsi kwegunya lelo Bhunga Lephondo.

(2) Apha ngezantsi kudweliswe amagunya eBhunga Lephondo nemisebenzi yalo:

- (a) kukuseka iikomiti zeBhunga Lephondo ukuze incedise iBhunga Lephondo ekusebenziseni amagunya alo nasekwenzeni imisebenzi yalo, njengoko kuxelwe kwisiqendu 23(6) salo Mthetho;
- (b) kukubhalisa amagqwetha athe amkelwa kumsebenzi wobugqwetha kummandla ekulawula kuwo elo Bhunga Lephondo;
- (c) kukulondoloza uLuhlu Lwamagqwetha awenza umsebenzi wobugqwetha jikelele, nawenza umsebenzi wokubhala izivumelwano, nawenza umsebenzi wonaniselwano ngemizi nomhlaba, kummandla ekulawula kuwo iBhunga Lephondo;
- (d) kukwamkela izicelo nokuziqwalasela, izizicelo zokwamkelwa kumsebenzi wobugqwetha jikelele, nowonaniselwano ngemizi nomhlaba okanye owokubhalwa kwezivumelwano, kummandla olawulwa liBhunga Lephondo, ngokuvumelana noko kutshiwo sisiqendu 24(2) salo Mthetho;
- (e) kukubhalisa izivumelwano zokuqeqeshelwa umsebenzi ekungenwe kuzo ngokwale mimiselo, izizivumelwano eziqulethe iimfuneko zokuqeqeshelwa umsebenzi zamagqwetha asaqeqeshwayo kummandla olawulwa liBhunga Lephondo.
- (f) kukwamkela izicelo zamagqwetha nokuziqwalasela, kummandla olawulwa liBhunga Lephondo, izizicelo zokufumana isiqinisekiso esinika ilungelo lokumela abantu phambi kweNkundla Ephakamileyo, neNkundla Ephakamileyo Yezibheni, neNkundla YoMgaqo-siseko, njengoko kuxelwe kwisiqendu 25(4) salo Mthetho;
- (g) kukwamkela izicelo nokuziqwalasela, izezamagqwetha asaqeqeshwayo kummandla olawulwa liBhunga Lephondo, ukuze abe nelungelo lokumela abantu phambi kwenkundla ngokwesiqendu 25(5) salo Mthetho, ize iwanike iziqinisekiso zelo lungelo;
- (h) kukwamkela izicelo zamagqwetha asaqeqeshwayo okanye zamagqwetha, izizicelo zokuba anganyanzeleki ukuba asebenzele uluntu, kummandla olawulwa liBhunga Lephondo, lize iBhunga Lephondo liwakhulule okunene ekusebenzeleni uluntu, njengoko kuxelwe kwisiqendu 29(3) salo Mthetho;
- (i) kukwamkela iikopi ezisethifayiweyo zemiyalelo yenkundla evela kumabhalane weNkundla Ephakamileyo, ize izigcine ezo kopi, izezamagqwetha akummandla olawulwa liBhunga Lephondo, njengoko kuxelwe kwisiqendu 30(5) salo Mthetho;
- (j) kukulicima ekubhalisweni igqwetha okanye ukunqunyanyiswa kwegama lalo njengoko kuxelwe kwisiqendu 31 salo Mthetho;
- (k) kukwamkela izicelo nokuziqwalasela, izezokuba amagqwetha abhaliselwe ukwenza uhlobo oluthile lomsebenzi wobugqwetha atshintshele kolunye uhlobo lomsebenzi wobugqwetha, njengoko kuxelwe kwisiqendu 32 salo Mthetho;

- (l) kukwamkela izicelo zokusekwa kwamaziko oncedo lomthetho nokuziphumeza ezo zicelo, njengoko kuxelwe kwisiqendu 34(8) salo Mthetho;
- (m) kukuseka iikomiti zokuphanda neekomiti zolungiso-similo, njengoko kuxelwe kwisiqendu 37 salo Mthetho;
- (n) kukwenza nawuphi na umsebenzi oncedisa kwimisebenzi eyintloko oyimfuneko ukuze senziwe sisebenze iSahluko 4 salo Mthetho;
- (o) kukuqalisa amanyathelo omthetho akhawulezileyo kwiNkundla Ephakamileyo ukuze kunqunyanyiswe igqwetha kumsebenzi wobugqwetha nokufumana uncedo olulolunye lwethutyana, njengoko kuxelwe kwisiqendu 43 salo Mthetho;
- (p) kukwamkela izicelo nokuziqwalasela, izezokukhutshelwa kwamagqwetha iziqinisekiso zeFidelity Fund anyanzelekileyo ukuba abe nezo ziqinisekiso, njengoko kuxelwe kwisiqendu 85 salo Mthetho, lize iBhunga Lephondo lithi ukuba lanelisekile zizinto ekuthethwe ngazo kwisiqendu 85(6) limnike umenzi-sicelo isiqinisekiso seFidelity Fund;
- (q) kukuhlola, noba lihlola ngokwalo okanye linyula umntu omakahlole, lihlola iingxelo zemali ze*trust account* yegqwetha ukuze lizanelise kwinto yokuba okutshiwo sisiqendu 86 nese-87(1) kuyenziwa, njengoko kuxelwe kwisiqendu 87(2) salo Mthetho;
- (r) kukwenz' isicelo kwiNkundla Ephakamileyo sokwalela naliphi na igqwetha ekuthethwe ngalo kwisiqendu 84(1) salo Mthetho ukuba lingayisebenzisi konke-*konke itrust account* yalo, isicelo esifuna umyalelo wenkundla wokuba kumiselwe umntu ogunyazwe yinkundla wokulawula loo *trust account*, njengoko kuxelwe kwisiqendu 89 salo Mthetho;
- (s) kukwenz' isicelo kwiNkundla Ephakamileyo somyalelo wokumiselwa komntu ogunyazwe yinkundla ukuba alawule *itrust account* yegqwetha kwiimeko ezixelwe kwisiqendu 90 salo Mthetho;
- (t) nokwenz' ingxelo kwiBhunga ngokusetyenziswa kwamagunya nokwenziwa kwemisebenzi ekuthethwe ngayo kwisiqendu (a) ukuya ku-(s) nokunika ingcombolo evela ekusetyenzisweni kwamagunya nasekwenziweni kwemisebenzi, xa ifunwa liBhunga.

limfuneko zokuqeqeshelwa umsebenzi ekufuneka ukuba amagqwetha asaqeqeshwayo ahlangabezane nazo ngaphambi kokuba amkelwe yinkundla njengamagqwetha

6. (1) Nawuphi na umntu onenjongo yokwamkelwa aze abhaliswe njengegqwetha makathi, emva kokuba ezanelise zonke iimfuneko zokufumana isidanga ekuthethwe ngaso kwisiqendu 26(1)(a) okanye (b) salo Mthetho, asebenze enqanyangelwe sisivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi esebenza nomntu ekuthethwe ngaye kummiselwana (5)—

- (a) ithuba elinganqamkiyo eliziinyanga ezingama-24; aze
 - (i) ngelo xesha esebenza enqanyangelwe sisivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi; okanye
 - (ii) kwithuba elingengaphezulu kweenyanga ezili-12 emva kokuba siphelile isivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi,

agqibe izifundo ezithatha ixesha elingekho ngaphantsi kweeyure ezi-150, kodwa ke ukuba igqwetha elisaqeqeshwayo liyoyisakala ukugqiba izifundo kwisithuba seenyanga ezingama-36 emva komhla wokubhaliswa kwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi, kuza kufuneka ukuba aziphinde izifundo; okanye

- (b) ixesha elinganqamkiyo eliziinyanga ezili-12 ukuba, ngaphambi kokubhalisela isivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi, ugqibe izifundo ezimiselweyo ekukho kuzo izifundo ezisisinyanzelo ezithatha ixesha elingengaphezulu kwama-400 eeyure xa zidibene, kwisithuba esingengaphezulu kweenyanga ezintandathu.

(2) Umntu ekuthethwe ngaye kummiselwana (1)(a) ongene kwisivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi ithuba eliziinyanga ezingama-24 unokuthi, akuba esebenze iinyanga ezili-12 kweso sivumelwano, enze isicelo sokuba amkelwe aze abhaliswe njengegqwetha ukuba uthe, kwelo thuba leenyanga ezili-12 kodwa kwixesha elingelilo elomsebenzi weso sivumelwano, wagqiba izifundo ezimiselweyo, eziquka izifundo ezisisinyanzelo, ezithatha ixesha elingekho ngaphantsi kwama-400 eeyure xa zidibene.

(3) Ukubakho kwizifundo zoqeqesho ezifumaneka kwiSikolo Sokuqeqeshelwa Umsebenzi SoMbuthe Wamagqwetha njengoko kufunwa yi *Attorneys Act*, elalisele lizibhalisele igqwetha elisaqeqeshwayo ngaphambi komhla ekuthethwe ngawo kwisiqendu 120(4) salo Mthetho kwaye lithe labakho kwezo zifundo kwisithuba seenyanga ezili-12 emva kwaloo mhla, kuya kuthathwa ngokuthi lihlangabezane neemfuneko zezifundo ekuthethwe ngazo kummiselwana (1)(a) no-(b).

(4) Ngokulawulwa koko kutshiwo ngulo Mthetho, naliphi na ithuba lokusebenza elingaphambi kokuba igqwetha elisaqeqeshwayo lifikelele iimfuneko zesidanga ekuthethwe ngazo kwisiqendu 26(1)(a) okanye (b) salo Mthetho, alithathwa njengethuba elaneleyo lokusebenza ngokwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi.

(5) Igqwetha elisaqeqeshwayo lisenokugcinwa phantsi kwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi, ligcinwa ligqwetha—

- (a) elizimeleyo;
- (b) elisebenza njengeqabane lelinye kwiofisi yamagqwetha;
- (c) elisebenza njengelungu lenkampani ebhalisiweyo;
- (d) elisebenza njengegqwetha likarhulumente;
- (e) elisebenza njengegqwetha elingumncedisi oqeshiweyo kwiofisi yamagqwetha iminyaka emihlanu kwisithuba seminyaka emithandathu edlulileyo; okanye
- (f) eliqeshwe ngokupheleleyo—
 - (i) yi *Legal Aid South Africa* eyasekwa ngokwe *Legal Aid South Africa Act 39 ka-2014*; okanye
 - (ii) liziko loncedo lomthetho elivunywe liBhunga ngenjongo yokuqeqesha amagqwetha asaqeqeshwayo, nelithi libe liliso ekuqeqeshweni kwamagqwetha asaqeqeshwayo; okanye
 - (iii) lilo naliphi na elinye iziko elivunywe liBhunga ngenjongo yokuqeqesha amagqwetha asaqeqeshwayo, nelithi libe liliso ekuqeqeshweni kwamagqwetha asaqeqeshwayo.

(6) Igqwetha eliqeqesha igqwetha elisaqeqeshwayo—

- (a) njengoko kuxelwe kummiselwana (5)(a) ukuya ku-(d) limele ukuba lisebenze njengegqwetha iminyaka engekho ngaphantsi kwesithathu, okanye amaxesha azizijungqe angekho ngaphantsi kweminyaka emithathu xa edityaniswa, kwisithuba seminyaka emine edlulileyo; kwaye
- (b) njengoko kuxelwe kummiselwana (f), limele ukuba lisebenze njengegqwetha iminyaka engekho ngaphantsi kwesithathu, okanye amaxesha azizijungqe angekho ngaphantsi kwemithathu xa edityaniswa, kwisithuba seminyaka emine ngaphambi kokuba liqeshwe yiLegal Aid South Africa okanye lelinye iziko.

(7) Ukusebenza kwegqwetha elisaqeqeshwayo lisebenza phantsi kwegqwetha elingawenziyo umsebenzi wobugqwetha okanye elingakhange liwenze umsebenzi wobugqwetha njengoko kuxelwe kummiselwana (5), oko kusebenza kwegqwetha elisaqeqeshwayo akuthathwa njengokusebenza phantsi kwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi ngokwale mimiselo.

(8) Igqwetha ekuthethwe ngalo kummiselwana (5)(a) ukuya ku-(e) alivumelekanga, nangaliphi na ixesha, ukuba libe namagqwetha asaqeqeshwayo angaphezu kwesithathu, kanti lona igqwetha ekuthethwe ngalo kummiselwana (5)(f) alivumelekanga, nangaliphi na ixesha, ukuba libe namagqwetha asaqeqeshwayo angaphezu kwesithandathu xa edityaniswa ewonke ephantsi kwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi.

(9) Xa igqwetha lisweleka okanye lithath' umhlalaphantsi kumsebenzi wobugqwetha okanye ligxothiwe kumsebenzi wobugqwetha, naliphi na igqwetha kumagqwetha asaphilayo okanye aseleyo abengamaqabane nalo, naliphi na igqwetha elililungu kwinkampani yamagqwetha ebelililungu kuyo igqwetha eliswelekileyo, okanye naliphi na igqwetha eliqeshwe ngokupheleleyo yiLegal Aid South Africa okanye lelinye iziko, linokusithathela kuso isivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi selo gqwetha elisaqeqeshwayo, nangona oko kusenokuthetha ukuba igqwetha elithathela kulo isivumelwano liza kuba namagqwetha asaqeqeshwayo angaphezu kwesithathu okanye isithandathu, phantsi kwesivumelwano.

(10) Izifundo ezisisinyanzelo ekuthethwe ngazo kummiselwana (1)(a) no-(b) mazihlolwe ukuba semgangathweni kwazo kwaye zifane kuyo yonke iRiphabliki, kwaye phakathi kwazo makubekho ezi zilandelayo:

- (a) ukusebenza ngoMgaqo-siseko;
- (b) indlela efanelekileyo yokuziphatha kwamagqwetha;
- (c) amabango okwenzakala;
- (d) ukuvela kwiinkundla eziphakamileyo;
- (e) ukuvela kwiinkundla zemantyi;
- (f) ukuvela kwiinkundla zolwaphulo-mthetho;
- (g) ukusonjululwa kweembambano zomsebenzi;
- (h) ukusonjululwa kweembambano ngendlela eyenye;
- (i) ukugcinwa kweencwadi zamagqwetha;
- (j) iincwadi zemiyolelo yamafa namafa;
- (k) umthetho womtshato;
- (l) iindleko zamagqwetha;
- (m) ukubhalwa kwezivumelwano;
- (n) ukusetyenziswa kobuchwepheshe beekhompyutha kumsebenzi wobugqwetha, nomthetho ongolwaphulo-mthetho lweekhompyutha;

(o) nentshayeleso emsebenzini wokuphatha.

(11) Uqeqesho olufumaneka ngokwale mimiselo maluhlolwe liBhunga ukuba semgangathweni kwalo ngokwemigqaliselo.

limfuneko zokuqeqeshelwa umsebenzi ekufuneka ukuba amagqwetha eejaji asaqeqeshwayo ahlalagabezane nazo ngaphambi kokuba amkelwe yinkundla njengamagqwetha

7. (1) Umntu onenjongo yokwamkelwa aze abhaliswe njengegqwetha leejaji—

- (a) makasebenze enkqanyangelwe sisivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi esebenza nomntu ekuthethwe ngaye kummiselwana (4) ithuba elinganqamkiyo eliziinyanga ezili-12 emva kokuba ezanelise zonke iimfuneko zokufumana isidanga ekuthethwe ngaso kwisiqendu 26(1)(a) okanye (b) salo Mthetho; aze
- (b) ngaphambi kwelo xesha okanye ngelo xesha esebenza enkqanyangelwe sisivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi, makagqibe izifundo ekukho phakathi kwazo izifundo ezisisinyanzelo, ezingathathi ixesha elingaphezu kweeyure ezingama-400 xa zidityanisiwe kwithuba elingekho ngaphezu kweenyanga ezintandathu.

(2) Ukubakho kwizifundo zoqeqesho ezivunywe nanguwuphi na umbutho okhoyo wamagqwetha eejaji okanye ezivunywe yiNational General Council of the Bar okanye yiGeneral Council of the Bar, elalisele lizibhalisele igqwetha leejaji elisaqeqeshwayo ngaphambi komhla ekuthethwe ngawo kwisiqendu 120(4) salo Mthetho kwaye lithe labakho kwezo zifundo kwisithuba seenyanga ezili-12 emva kwaloo mhla, kuya kuthathwa ngokuthi likwenzile okufunwa ngummiselwana (1)(b) ngokwale mimiselo.

(3) Ngokulawulwa koko kutshiwo ngulo Mthetho, naliphi na ithuba lokusebenza elingaphambi kokuba igqwetha leejaji elisaqeqeshwayo lifikelele iimfuneko zesidanga ekuthethwe ngazo kummiselwana (1), alithathwa njengethuba elaneleyo lokusebenza ngokwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi.

(4) Igqwetha leejaji elisaqeqeshwayo lisenokugcinwa phantsi kwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi, ligcinwa ligqwetha leejaji—

- (a) elibhalisiweyo nelenza umsebenzi wegqwetha leejaji; okanye
- (b) eliqeshwe ngokupheleleyo—
- (i) yiLegal Aid South Africa eyasekwa ngokwe*Legal Aid South Africa Act 39* ka-2014;
- (ii) liziko loncedo lomthetho elivunywe liBhunga ngenjongo yokuqeqesha amagqwetha eejaji asaqeqeshwayo, nelithi libe liliso ekuqeqeshweni kwamagqwetha eejaji asaqeqeshwayo; okanye
- (iii) lilo naliphi na elinye iziko elivunywe liBhunga ngenjongo yokuqeqesha amagqwetha eejaji asaqeqeshwayo, nelithi libe liliso ekuqeqeshweni kwamagqwetha eejaji asaqeqeshwayo.

(5) Igqwetha leejaji eliqeqesha igqwetha leejaji elisaqeqeshwayo—

(a) njengoko kuxelwe kummiselwana (4)(a) limele ukuba lisebenze njengegqwetha leejaji iminyaka engekho ngaphantsi kwesithathu, okanye amaxesha azizijungqe

angekho ngaphantsi kweminyaka emithathu xa edityaniswa, kwisithuba seminyaka emine edlulileyo; kwaye

- (b) njengoko kuxelwe kummiselwana (4)(b), limele ukuba lisebenze njengegqwetha leejaji iminyaka engekho ngaphantsi kwesithathu, okanye amaxesha azizijungqe angekho ngaphantsi kwemithathu xa edityaniswa, kwisithuba seminyaka emine ngaphambi kokuba liqeshwe yiLegal Aid South Africa okanye lelinye iziko.

(6) Ukusebenza kwegqwetha leejaji elisaqeqeshwayo lisebenza phantsi kwegqwetha leejaji elingawenziyo umsebenzi wamagqwetha eejaji okanye elingakhange liwenze umsebenzi wamagqwetha eejaji njengoko kuxelwe kummiselwana (5), oko kusebenza kwegqwetha leejaji elisaqeqeshwayo akuthathwa njengokusebenza phantsi kwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi ngokwale mimiselo.

(7) Igqwetha leejaji ekuthethwe ngalo kummiselwana (4)(a) alivumelekanga, nangaliphi na ixesha, ukuba libe namagqwetha eejaji asaqeqeshwayo angaphezu kwelinye, kanti lona igqwetha leejaji ekuthethwe ngalo kummiselwana (4)(b) alivumelekanga, nangaliphi na ixesha, ukuba libe namagqwetha asaqeqeshwayo angaphezu kwesithandathu xa edityaniswa ewonke ephantsi kwesivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi.

(8) Xa igqwetha leejaji lisweleka okanye lithath' umhlalaphantsi kumsebenzi wobugqwetha okanye ligxothiwe kumsebenzi wobugqwetha, naliphi na igqwetha leejaji elihlangabezanayo neemfuneko zale mimiselo linokusithathela kuso isivumelwano sokuqeqeshelwa umsebenzi selo gqwetha leejaji elisaqeqeshwayo, nangona oko kusenokuthetha ukuba igqwetha leejaji elithathela kulo isivumelwano liza kuba namagqwetha eejaji asaqeqeshwayo angaphezu kwelinye okanye angaphezu kwesithandathu, phantsi kwesivumelwano.

(9) Izifundo ezisisinyanzelo ekuthethwe ngazo kummiselwana (1) mazihlolwe ukuba semgangathweni kwazo kwaye zifane, kwaye phakathi kwazo makubekho ezi zilandelayo:

- (a) kumagqwetha eejaji asaqeqeshwayo anqwenela ukwamkelwa njengamagqwetha eejaji ekuthethwe ngawo kwisiqendu 34(2)(b), makubekho isifundo sokugcinwa kweencwadi njengoko kuxelwe kummiselo 6(10)(i);
- (b) ubuchule bokumela umntu enkundleni, obuquka ukuxoxwa kwamatyala nokwenziwa kwezicelo enkundleni;
- (c) ukusonjululwa kwembambano ngendlela eyenye;
- (d) inkqubo kumatyala embambano;
- (e) inkqubo kumatyala olwaphulo-mthetho;
- (f) indlela efanelekileyo yokuziphatha kwamagqwetha;
- (g) indlela yokubhala amaxwebhu omthetho;
- (h) umthetho omalunga noMgaqo-siseko nomthetho wesintu;
- (i) ukusetyenziswa kobuchwepheshe bekhompyutha kumsebenzi wobugqwetha, kunye nemithetho engeekhompyutha;

(10) Uqeqesho olufumaneka ngokwale mimiselo maluhlolwe liBhunga ukuba semgangathweni kwalo ngokwemigqaliselo.

Ilungelo lamagqwetha eejaji asaqeqeshwayo lokumela abantu enkundleni okanye kwenye indawo

8. (1) Igqwetha leejaji elisaqeqeshwayo linelungelo lokumela umntu—
- (a) nakweyiphi na inkundla, ngaphandle kwakwiNkundla Ephakamileyo, nakwiNkundla Ephakamileyo Yezibheno nakwiNkundla YoMgaqo-siseko;
 - (b) naphambi kwebhodi, okanye abachopheli-matyala okanye iqumrhu elinjengelo, limmela umntu endaweni yomntu eliqeqeshwa nguye, okanye ngemvume yomntu eliqeqeshwa nguye.

(2) Igqwetha leejaji elisaqeqeshwayo linokumela umntu kwinkundla yenqila eyasekwa ngokwesiqendu 2 se*Magistrates' Courts Act* ka-1944 njengoko kuxelwe kummiselwana (1) kuphela ukuba seligqibe ubuncinane iinyanga ezintandathu zokuqeqeshelwa umsebenzi.

Icebo lokuqoshelisa imicimbi

9. Ngaphambi kokuba libhangiswe iQonga ngokwesiqendu 96 salo Mthetho, onke amatyala alo nezinto elinyanzeleke ukuba lizenze, nezinjani na, maziqoshelise iQonga khon' ukuze kuthi kufika umhla wokubhangiswa kwalo, libe lingenamatyala okanye zinto elinyanzeleke ukuba lizenze.

ISONGEZO A (Ummiselo 2) IPHEPHA LOKUVOTA — AMAGQWETHA

Igqwetha ngalinye elikuLuhlu Lwamagqwetha Awenza Umsebenzi Wobugqwetha linokuvotela abagqatswa abanokude baye kuthi xhaxhe kwi-10, libavotela bethabatha kubagqatswa abadweliswe ngezantsi.

Malunga nonyulo lokuqala oluza kuqhutywa phantsi kwegunya leQonga ngokommiselo 2(3), igqwetha ngalinye elenza umsebenzi wobugqwetha elamkelweyo laza labhaliswa livumelekile ukuba livotele ukunyulwa kwabagqatswa.

Kodwa ke qaphela ukuba, ukuze kufezwe okufunwa sisiqendu 7(2)(a) soMthetho Wobugqwetha 28 ka-2014, kuxhomekeke nasekufumanekeni kwabagqatswa, amanenekazi amane aNtsundu, amadoda amathathu aNtsundu, inenekazi elinye eliMhlophe, namadoda amabini aMhlophe anelona nani liphezulu leevoti kwiindidi abakuzo, baya kuba ngamagqwetha ali-10 aya kuba ngamalungu eBhunga Lomsebenzi Wobugqwetha.

linkcukacha ezimfutshane zomgqatswa ngamnye ziyafumaneka kwiwebsayithi yeBhunga.

A
B
C
D
E
F
G
H

I
J
K
L

Xa nivota, ncedani nikhumbule oko kutshiwo sisiqendu 7(2) soMthetho Wobugqwetha:

“Xa kuqulunqwa iBhunga, makucingelwe izinto ezilandelayo kangangoko kunokwenzeka:

- (a) ubume boMzantsi-Afrika ngokweentlanga zawo nangokwesini;
- (b) iinjongo zeBhunga;
- (c) ukumelwa kwabantu abagokekileyo okanye abaneziphene
- (d) ukumelwa kwiphondo;
- (e) namava nolwazi—
 - (i) lokunikwa koncedo lomthetho;
 - (ii) imigaqo yokukhuthaza ukufumana ubulungisa;
 - (iii) ukufundiswa nokuqeqeshwa ngomthetho;
 - (iv) imicimbi ephathelele kubasebenzisi beenkonzo;
 - (v) amatyala embambano nawolwaphulo-mthetho nokusebenza kweenkundla nabachopheli-matyala jikelele;
 - (vi) ukuziphatha ngokufanelekileyo kwabantu abanika uncedo lomthetho;
 - (vii) ukusingathwa kwezikhalazo;
 - (viii) nomthetho ongokhuphiswano.

QAPHELA:

Igama elithi “oNtsundu” (“Black”) linentsingiselo ekwanye elinayo kwisiqendu 1 se*Broad-Based Black Economic Empowerment Act* 53 ka-2003, xa ifundwa kunye ne*Broad-Based Black Economic Empowerment Amendment Act* 46 ka-2013; ligama eliquka ndawonye abaNtsundu, abeBala namaIndiya abangabemi beRiphabliki yoMzantsi-Afrika ngokuzalwa okanye ngemvelaphi, okanye abathi baba ngabemi boMzantsi-Afrika ngokuthi bathi bengabelinye ilizwe benziwe abemi beli lizwe ngokuhlangabezana neemfuneko zomthetho weli lizwe ngaphambi komhla wama-27 kuAprili 1994 okanye ngawo umhla wama-27 kuAprili okanye ngemva kwawo, nabebeya kukufanelekela ukuzuza ubumi ngokuhlangabezana neemfuneko zomthetho weli lizwe ngaphambi kwaloo mhla, kwakunye nabanye abantu abanokuthi bachazwe ngokuthi bangabaNtsundu ngokwenjongo yale mithetho exelwe apha ngentla.

ISONGEZO B

(Ummiselo 2)

IPHEPHA LOKUVOTA — AMAGQWETHA EEJAJI

Igqwetha leejaji ngalinye elikuLuhlu Lwamagqwetha Eejaji Awenza Umsebenzi Wobugqwetha anokuvotela abagqatswa abanokude baye kuthi xhaxhe kwisithandathu, bethabatha kubagqatswa abadweliswe ngezantsi.

Malunga nonyulo lokuqala oluza kuqhutywa phantsi kwegunya leQonga ngokommiselo 2(2), igqwetha leejaji ngalinye elenza umsebenzi wobugqwetha elamkelweyo nelenza umsebenzi wobugqwetha, livumelekile ukuba livotele ukunyulwa kwabagqatswa.

Ncedani niqaphele ukuba ukuze kufezwe okufunwa sisiqendu 7(2)(a) soMthetho Wobugqwetha 28 ka-2014, kuxhomekeke nasekufumanekeni kwabagqatswa, amanenekazi amabini aNtsundu, amadoda amabini aNtsundu, inenekazi elinye

eliMhlophe, nendoda enye eMhlophe, abanelona nani liphezulu leevoti kwiindidi abakuzo, baya kuba ngamagqwetha eejaji amathandathu aya kuba ngamalungu eBhunga Lomsebenzi Wobugqwetha.

Inkcazelo emfutshane yomgqatswa ngamnye iyafumaneka kwiwebsayithi yeBhunga.

A
B
C
D
E
F
G
H
I
J
K
L

Xa nivota, ncedani nikhumbule oko kutshiwo sisiqendu 7(2) soMthetho Wobugqwetha:

“Xa kuqulunqwa iBhunga, makucingelwe izinto ezilandelayo kangangoko kunokwenzeka:

- (f) ubume boMzantsi-Afrika ngokweentlanga zawo nangokwesini;*
- (g) iinjongo zeBhunga;*
- (h) ukumelwa kwabantu abagogekileyo okanye abaneziphene*
- (i) ukumelwa kwiphondo;*
- (j) namava nolwazi—*
 - (ix) lokunikwa koncedo lomthetho;*
 - (x) imigaqo yokukhuthaza ukufumana ubulungisa;*
 - (xi) ukufundiswa nokuqeqeshwa ngomthetho;*
 - (xii) imicimbi ephathelele kubasebenzisi beenkonzo;*
 - (xiii) amatyala embambano nawolwaphulo-mthetho nokusebenza kweenkundla nabachopheli-matyala jikelele;*
 - (xiv) ukuziphatha ngokufanelekileyo kwabantu abanika uncedo lomthetho;*
 - (xv) ukusingathwa kwezikhalazo;*
 - (xvi) nomthetho ongokhuphiswano.*

QAPHELA:

Igama elithi “oNtsundu” (“Black”) linentsingiselo ekwanye elinayo kwisiqendu 1 se*Broad-Based Black Economic Empowerment Act* 53 ka-2003, xa ifundwa kunye ne*Broad-Based Black Economic Empowerment Amendment Act* 46 ka-2013; ligama eliquka ndawonye abaNtsundu, abeBala namalndiya abangabemi beRiphabliki yoMzantsi-Afrika ngokuzalwa okanye ngemvelaphi, okanye abathi baba ngabemi boMzantsi-Afrika ngokuthi bathi bengabelinye ilizwe benziwe abemi beli lizwe ngokuhlangabezana neemfuneko zomthetho weli lizwe ngaphambi komhla wama-27 kuAprili 1994 okanye ngawo umhla wama-27 kuAprili okanye ngemva kwawo, nabebeya kukufanelekela ukuzuza ubumi ngokuhlangabezana neemfuneko zomthetho weli lizwe ngaphambi kwaloo mhla, kwakunye nabanye abantu abanokuthi bachazwe ngokuthi bangabaNtsundu ngokwenjongo yale mithetho exelwe apha ngentla.

WARNING!!!

To all suppliers and potential suppliers of goods to the Government Printing Works

The Government Printing Works would like to warn members of the public against an organised syndicate(s) scamming unsuspecting members of the public and claiming to act on behalf of the Government Printing Works.

One of the ways in which the syndicate operates is by requesting quotations for various goods and services on a quotation form with the logo of the Government Printing Works. Once the official order is placed the syndicate requesting upfront payment before delivery will take place. Once the upfront payment is done the syndicate do not deliver the goods and service provider then expect payment from Government Printing Works.

Government Printing Works condemns such illegal activities and encourages service providers to confirm the legitimacy of purchase orders with GPW SCM, prior to processing and delivery of goods.

To confirm the legitimacy of purchase orders, please contact:

Renny Chetty (012) 748-6375 (Renny.Chetty@gpw.gov.za),

Anna-Marie du Toit (012) 748-6292 (Anna-Marie.DuToit@gpw.gov.za) and

Siraj Rizvi (012) 748-6380 (Siraj.Rizvi@gpw.gov.za)

Printed by and obtainable from the Government Printer, Bosman Street, Private Bag X85, Pretoria, 0001
Contact Centre Tel: 012-748 6200. eMail: info.egazette@gpw.gov.za
Publications: Tel: (012) 748 6053, 748 6061, 748 6065